

# UKUCHASA ILAYISENSI YOTYWALA ENTSHA

Uluntu lunelungelo lokuchasa isicelo selayisensi yotywala.

## WAZISWA NJANI NGESICELO ESITSHA SELAYISENSI YOTYWALA?

- Umfaki sicelo selayisensi kumele abeke iphepha lesaziso kwishishini eli afuna ukuthengisa utywala kulo;
- Isicelo kufuneka sipapashwe kwiphephandaba lendawo ohlala kuyo;
- Isicelo siye sibhengezwe nakwi-webhusayithi kaGunyaziwe Wotywala waseNtshona Koloni (i-Western Cape Liquor Authority) ethi - (<https://www.wcla.gov.za>);
- Sibhengezwa kwiGazethi kaRhulumente (Government Gazette);
- IGosa elinyuliweyo lotywala (kwinkonzo yamapolisa aseMzantsi Afrika) kufuneka lazise abahlali bendawo ngesicelo selayisensi yotywala.
- Oomasipala (nookansila) bayaziswa ngesicelo.
- Iqonga lokugcina ucwangco loluntu nalo liyaziswa ngesicelo.

## INKQUBO YOKUFAKA ISICELO SELAYISENSI YOTYWALA NOLUNTU:

Ukuba ucinga wena okanye abanye abantu bangachaphazeleka kakubi ukuba isicelo singaphumelela, ungachasa unikezelo lweleyisensi.

Uchasa isicelo selayisensi ngolu uhlobo:

- Unikwa iintsuku ezingamashumi amabini anesibhozo (28) ukusuka kwimini yesibhengezo lwe sicelo ukuze uchase okanye ubeke izimvo zakho ngesi sicelo.
- Ungachasa okanye ubeke izimvo kwicelo nqo kuGunyaziwe Wotywala waseNtshona Koloni ngeleta okanye nge-imeyil.
- Kunyanzelekile ukuba unikezele igama lakho, idilesi, inombolo yesazisi, kunye/okanye inombolo yobhaliso leshishini lakho, inombolo yoqhagamshelwano (inombolo yomnxeba okanye idilesi ye-imeyil) kwaye nedilesi yokuhlala kwakho.
- Kumele igama kwaye nedilesi leshishini libhalwe ngokucocekileyo kwinkcaso okanye kwizimvo.
- Nikezela izizathu zenkcaso, ngokusekelwe kwinyani ecaphula imihla, namaxesha kwaye nemizekelo yeziganeko. Kubalulekile ukuba iinkcaso zoyamiswe kwisicelo nqo kwesi sichaswayo.
- Ungachasa ungumntu/ungummi omnye okanye niliqela labantu.

## IMIZEKELO YEENKCASO EZITHI ZIFUNYANWE:

Sezinzi kakhulu ilayisensi zotywala ekuhlaleni	Busetyenziswa gwenxa utywala apha ekuhlaleni
Izinga lolwaphulo-mthetho liphezulu kwaye abantu baziva bengakhuselekanga	Ingxolo enganyamezelikiyo
Akukho ndawo yokupaka eyoneleyo kwelishishini	Ishishini lotywala livulwe kwindawo ehlala abantu

Ukuba ilayisensi yotywala izakuchaphazela kakubi

- Abahlali bendawo, umzekelo, ukhuseleko loluntu, abantwana bengingqi;
- Abahlali beziko labantu abadala okanye ababuthathaka;
- Abafundi beziko lemfundo (umzekelo, isikolo) abangaphantsi kweminyaka elishumi elinesibhozo (18) ubudala;
- Izigulane zeziko labantu abasebenzisa gwenxa iziyobisi okanye utywala; okanye
- Abantu bebandla lenkonzo elikufuphi neshishini elifuna ilayisensi lotywala.

## IINGCEBISO MALUNGA NOKUFAKA IINKCASO:

- Akumelanga iinkcaso zilinganiselwe koku kucatshulwe ngentla kuphela. Xa iinkcaso ezi zibenengxelo etsolileyo ekhatshwa bubungqina, ziye zibenobunzima. Umzekelo, ingxelo ebanzi ethi kukho ingxaki enkulu ngokusetyenziswa gwenxa kotywala eNtshona Koloni ayisosizathu saneleyo ukuze kungavunyelwa esi sicelo selayisensi. Inkcaso kufuneka ingqale nqo kwindawo yokuhlala leyo, nezimvo kunye neengqalelo zabahlali bendawo leyo.
- Abachasi kumele babonakalise uqhagamshelwano phakathi kwesicelo eso, iingxaki ezilindelekileyo, kunye nokuba ukuvunywa kwesi sicelo kungaze kongeze njani kwiingxaki ezi zikhoyo.
- Kumele iingxaki esezikho zicatshulwe, umzekelo, kukho ulwazi olubonakalisa ukuba indawo leyo inezinga eliphezulu lolwaphulo-mthetho

## QHAGAMSHELANA NATHI:

E-3rd Floor, Sunbel Building, 3 Old Paarl Road, Bellville, 7530. Inombolo ngu: 021 204 9805/9700  
I-imeyil: [liquor.enquiries@wcla.gov.za](mailto:liquor.enquiries@wcla.gov.za) • I-webhusayithi: [www.wcla.gov.za](http://www.wcla.gov.za)